

DISEMBA 2024

Hermanus 028 313 8000
Gansbaai-Stanford 028 384 8300
Kleinmond 028 271 8400

24/7 Municipal Emergencies:

Basic Services 028 313 8111
Fire & Rescue 028 312 2400

Bulletin

#overstrand4all

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

#C4ourself

UMYALEZO OVELA KUSODOLOPHU U-RABIE

"Nokokuba amnyama kangakanani amafu esichotho, landela nje wena icala elinokukhanya"

Umbulelo ongazenzisiyo kubahlali bethu ngenkxaso yabo nentsebenziswano, nakubasebenzi boMasipala wase-Overstrand ngokusebenza kwabo nzima nokuzinikela ngethuba lonyaka odlulileyo. Akabanga ngunyaka olula: Uninzi lubethwe ngamaxabiso okuphila anyukayo, yaye indalo yasikhumbuzo ngokunjalo okokuba ukuhlala elunxwemeni kunakho, ngamanye amaxesha, ukuba nomngeni.

Ngombulelo, nokokuba amafu angamnyama kangakanani yaye esoyikisa kanjani, kukho abo basoloko bezimisele yaye bekulungele ukuzisa uncedo kubomi babanye.

Kulo nyaka, ndithanda ukwenza ilizwi elilodwa lombulelo kuyo yonke imibutho yasekuhlaleni, iiNGO, iiNPO, imibutho yabahlawuli berhafu, amakhitshi abonelela ngesuphu, amaqela amavolontiya kunye nabemi nje ngokubanzi ngeenzame zayo ukuphakamisa umgangatho wokuphila yoninzi mhlawumbi ngokubonelela ngenkxaso yemali okanye ngokunikela bengajonge nzuzo ngexesha labo kunye namandla ukuze i-Overstrand ibe nakho ukuba yindawo engcono kubo bonke abahlala nabasebenza kuyo.

Buya kusoloko bukho ubunzima bona. Ngeli thuba lolonwabo, ndingathanda ukuninqwenelela nonke amaxesha okonwaba. Bunga ubukho babo nibathandayo – nokuba busezintliziyweni zenu okanye kumakhaya enu – bungazisa intuthuzelo noxolo.

Ithemba lam kubahlali bethu nakumasipala lellokuba owama-2025 uya kuzisa uzalisekiso lwamaphupha yaye uya kusivuselela sonke okokuba sifezekise ngaphezulu nokuba sisebenze nzima ngaphezulu. Singa singalithabatha eli xesha sincome into yokuba, nangona soneyantlukwano, sisebanye kuba sonke sisenethemba lokuzisa uthando, uxolo yaye njengoko sinikwe iThuba lokuphila ubomi obuzalisekiso nobunentsingiselo.

Ngokungathandabuzekiyo, owama-2025 uzisa isithembiso sokuba ngunyaka ovuyisayonjengokouMasipalawase-Overstrandexhibengokupheleleyo ngokuqhubeka ngokufuna kwakhe ukuyila i-Overstrand yomntu wonke.



UKUVALWA KWE-OFSI NGETHUBA LOLONWABO

Kwisithuba esininzi, ii-ofisi zikamasipala ziya kuhlala zivuliwe ngethuba leeyure zesiqhelu ze-ofisi (07:45 – 16:30) ngeentsuku zokusebenza zeveki. Unxaxho lungomhla we-16 kuDisemba (yiholide karhulumente) kunye neentsuku ezikufutshane neKrisimesi kunye noNyaka oMntsha:

- ❖ **NGEKRISMESI:** ofisi zikaMasipala ziya kuvala ngentsimbi ye-13:00 ngomhla wama-24 kuDisemba ze zivule kwakhona ngentsimbi yesi-07:45 ngomhla wama-30 kuDisemba.
- ❖ **KUNYAKA OMTSHA:** li-ofisi zikaMasipala ziya kuvala ngentsimbi ye-13:00 ngomhla wama-31 kuDisemba ze zivule kwakhona ngentsimbi yesi-07:45 ngomhla wesi-6 kuJanyuwari 2025

Nokokuba i-ofisi ivaliwe, nceda uqaphele into yokuba zonke iinkonzo eziyimfuneko ziya kunikezelwa njengesiqhelu kuso sonke esi sithuba solonwabo.

Ngaphezulu, iGumbi loLawulo elisebenza iiyure ezingama24/7 lase-Overstrand ngokunjalo neeNkonzo zoMlilo noHlangulo ziya kuba nabasebenzi ngokwanelelo ngalo lonke ixesha ukulungiselela ukujongana nayo nayiphi na imiba engxamileyo enokuthi ivele.

Ukuxela umba wokusebenza okanye wokunikezelwa kwenkonzo, tsalela umnxeba kule nombolo **028 313 8111** okanye wuchaze umba usebenzisa Collab Citizen App. Kwimeko yomlilo okanye yonyango okanye yohlangulo olukhawulezileyo, tsalela umnxeba kule nombolo **028 312 2400** ngoko nangoko.

INKUNKUMA YASEKHAYA

Nangona kuziholide zikarhulumente nokuvalwa kwe-ofisi, ukuqokelelwa kwenkunkuma kuya kuqhubeka njengesiqhelu.

UMasipala wase-Overstrand uleleza umntu ngamnye nabo bonke abantu okokuba bayilahle inkunkuma yabo ngendlela efanelekileyo yaye benze okuncinane abanokukwenza ukuxhasa iphulo lethu elibhekiselele kwiidolophu neendawo zokuhlala ezicocekileyo.

- ❖ Landela ishedyuli yokuthuthwa kwenkunkuma yommandla wakho.
- ❖ Beka inkunkuma yakho yasekhaya kwimigqomo enamavili/kwiingxowa ezimnyama zeplastiki ze uyikhuphe ngosuku olushedyuliweyo lokuthuthwa kwenkunkuma kuphela ingadlulanga intsimbi yesi-7:00 ngentsasa yokuthuthwa kwenkunkuma.
- ❖ Musa ukushiya iingxowa zenkunkuma/imigqomo kwipavumente kubusuku obungaphambili bomhla wokuthuthwa kwenkunkuma.
- ❖ Kwimimandla ezaliswe zimfene, kufuneka usebenzise umgqomo olungiselelwe izilwanyana ukulahla inkunkuma yasekhaya.
- ❖ Sizimisele ngokuguqula inkunkuma yenziwe enye into enokusetyenziswa. Nceda yahlala-hlule inkunkuma yakho: iingxowa zenkunkuma zeplastiki ezimnyama zilungiselelwe inkunkuma "emanzi"; iingxowa ezibonisa okungaphakathi zilungiselelwe inkunkuma enokuguqulwa yenziwe into enokusetyenziswa.
- ❖ Inkunkuma yasegadini ecocekileyo kufuneka ithunyelwe kwenye yezi ndawo zilandelayo: isiza sokulahlwa kwenkunkuma eGansbaai; isiza senkunkuma yasegadini eBetty's Bay; okanye kwizikhululo zokhutshelo eHermanus kunye naseKleinmond. Kungenjalo, sebenzisa iindawo zokulahlwa kwenkunkuma zikarhulumente eziseStanford nasePearly Beach.
- ❖ Xa uhambisa inkunkuma yasegadini, nceda uqinisekise okokuba ngokuwugquma uwubophelel umthwalo ngeseyile yokugquma engangenwa manzi okanye inethi.
- ❖ Onke la maziko ekubhekiselelwe kuwo ngasentla avula ukususela ngentsimbi yesi-08:00 de kube yintsimbi yesi-17:00 ngeentsuku zaphakathi evekini, yaye uninzi luyavula ngokunjalo ngemiGqibelo nangeeholide zikarhulumente, nakuba evula iiyure ezimbalwa.
- ❖ Musa ukulahla ngokungekho mthethweni iingxowa zenkunkuma, ifanitshala endala okanye iixhobo zombane zasekhaya ecaleni lemigaqo okanye kwiziza ezingenazindlu.
- ❖ Ukuba ngaba uqeshisa ngepropati, qinisekisa ngento yokuba abaqeshi bakho banolwazi olupheleleyo lwamalungiselelo aphathelelene nokulahlwa kwenkunkuma yasekhaya.
- ❖ Qaphela ngento yokuba eminye imimandla e-Overstrand sele ibhengezwe "njengengasebenzisi migqomo". Nceda uyihloniphe le mimandla ngokuthabatha inkunkuma yakho uze nayo ekhaya.




Imbeko efanelekileyo yenziwa **NGEMPELA-VEKI YOKUKHUMBULA** kubo bonke abathe balwa ngokukhalipha ngesithuba seMfazwe yokuQala yeHlabathi. Kwakhululwa amahobe emangcwabeni apho kulele khona amagorha ethu awileyo, yaye abo bathi bazimasa umsitho wokubekwa kwenkatha yeentyatyambo eCnotaph eHermanus' Old Harbour benza isibhambathiso ngokundilisekileyo sokokuba abasoze bawalibale. Esi sikhumbuzo semfazwe samiswa ngowe-1929 ukukhumbula amavolontiya alishumi elinanye aphuma eHermanus angazange aphinde abuye. Abazimase umsitho ibingumhloli wonyanzeliso lomthetho u-Ethelbert Lombaard, uSekela Sodolophu uLindile Ntsabo, igosa lezithuthi uRalmon Hansen kunye noPeter Goldie, ummeli weyunithi iHermanus MOTH eyaziwa njengeSeagull Shellhole. Abakunye nabo nguCadet Bailey, ummeli weTS Birkenhead Sea Cadets wHawston.

Nceda ungonakalisi iholide yakho ngokwenza izinto ngokungakhathali:

KHUSELEKA KHUSELEKA CINGELA ABANYE

Soloko ubeka ukhuselo phambili yaye uthobe imithetho.



Apho kukho umsi, kunyanzelekile kubekho umlilo.

CHAZA IMILILLO OYIRHANELAYO NGOKO NANGOKO!

Isithuba semililo sele lifikile. Okubalulekileyo apha kokokuba zonke izigrogriso ezingalho kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokukhawuleza nangokufanelekileyo msinyane.

Ihlobo elide, elishushu sele lingaphambi kwethu, yaye iya kuba kumda wakhe wonke umntu ukuhlala evundile aze athabathe izithintelo eziyimfuneko ukuthintela imililo elatyuzayo.

Okokuqala, uMasipala wase-Overstrand uleleza bonke abahlali okokuba bavundlele naiphi na iimpawu zomsi.

Sithembele kuni okokuba niba ngametho ethu.



NCEDA UNGATHANDABUZI: Ukuba nje uthe wabona umsi owurhanelayo, xeleda iinkonzo zoMlilo noHlangulo zase-Overstrand ngokutsalela umnxeba kule nombolo **028 312 2400**.

SICELA NGOKUNJALO UMTU NGAMNYE NOMNTU WONKE OKOKUBA ATHABATHE AMANYATHELO OKHUSELEKO AYIMFUNENKO UKUKHUSELA AMAKHAYA ABO:

- Yichebe imithi enamasebe ajingayo kunye namahlaha
- Susa kwiigatari utyani namagqabi
- Yilahle inkunkuma egqithileyo etsha lula
- Qinisekisa ngento yokuba imilimandla ephakathi kwepropati yakho kunye nengca ekumda inakho ikhono lokumelana nemililo elatyuzayo.

Intsebenziswano yakho kulo mba iya kuncomeka kakhulu!

